Izifundo ngezoNqulo iKlasi 2

Isihloko sesifundo: UYesu ufundisa ngemfesane nenceba

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo ngezoNqulo esithi “**UYesu ufundisa ngemfesane nenceba”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekel. SS, RI okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Umphathi webandla wesikolo seCawa noTitshala bayafumaneka ukuncedisa.

Isifundo

Isihloko seSifundo	UYesu ufundisa ngemfesane nenceba
Isicatshulwa seBhayibhile	Luka 10: 25-37 noMateyu 5: 7
Injongo yesifundo	Abantwana bafunda ukuba iNkosi ilindele ukuba sibe nemfesane.

Isishwankathelo sesifundo:

- Kweza umfundisi woMthetho wazama ukumbabisa uYesu. Wabuza wathi, "Mfundisi, kufuneka ndenze ntoni na ukuze ndifumane ubomi obungunaphakade?"
- Wamphendula uYesu wathi, Zithini na izibhalo? Uzitolika njani?”
- Indoda yaphendula yathi, "Mthande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangamandla akho ephela, nangengqondo yakho iphela; kwaye "Thanda ummelwane wakho njengoko uzithanda wena."
- “Uphendule kakuhle” waphendula uYesu wathi; Yenza lento yaye uyakuphila. Ke umfundisi womthetho wambuza uYesu, "Ngubani ummelwane wam?" UYesu wamphendula ngokumxelela lo mzekelo.
- Kwakukho umntu owayesihla evela eYerusalem esiya eYeriko. Wahlaselwa zizihange, zamhluba izambatho zakhe, zambetha zamshiya engathi uphantse ukufa. Kwenzeka ukuba kubekho umbingeleli owayesihla ngaloo ndlela, kodwa wathi akuyibona indoda eyayingxwelerhekile, wahambela kwelinye icala. Kwafika umLevi emva koko, wayakuyi wajonga le ndoda, naye wahambela kwelinye icala. Emva koko umSamariya owayehamba ngalo Ndlela wafika kwindawo yengozi. Akuyibona le ndoda, wazala yimfesane intliziyo yakhe yaba nosizi. Waya kuyo, wagalela ioli newayini enxebeni lakhe, waza walibabopha. Emva koko wamkhwelisa kwisilwanyana sakhe waza wamsa kwindlu yabahambi, apho wamnyamekela khona. Ngemini elandelayo akhupha iingqekembe ezimbini zesilivere, wanika umninimzi wathi. ‘Mnyamekele,’ waxelela umgcini wendlu yabahambeli, xa ndibuya, ndiya kukuhlawula nangeyiphina into othe wayisebenzisa .’ ”
- Waqukumbela uYesu, “Kolwakho uluvo, ngowuphi kwaba bathathu owasebenza njengommelwane wale ndoda yahlaselwa ngabaphangi?” Umfudisi-Mthetho waphedula wathi; ngulo ube nobubele kuye. Waphendula uYesu wathi, Hamba uyokwenza njalo nawe.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Ukuba nemfesane kunye nenceba kuthetha ukuba, xa sibona umntu othile esiva iintlungu, siziva sinemfesane kwaye sinikezele ngexesha lethu lokubanceda sisebenzisa izinto esinazo (imali okanye ixesha) ukunceda.

Singaba nemfesane njani namhlanje?

- Ø Ngokundwendwela abantu abagulayo, abanesithukuthezi okanye abantu abadala;
- Ø Ngokukhuthaza kunye nokuthuthuzela abantwana abadakumbileyo;
- Ø Ngokudlala nokuthetha nabantwana abaphatheke kakubi ngabanye;
- Ø Ngokunceda nokuxhasa abahlobo kunye neentsapho ezonakaleyo okanye ezonzakalisiweyo.

- Ukuba sinemfesane kubamelwane bethu (umntu esidibana naye), siya kwenzelwa ububele nathi.
- UYesu wakuthembisa oku kwiNtshumayelo yaseNtabeni njengoko kubhalwe kuMateyu 5: 7: “Banoyolo abo banenceba, ngokuba baya kwenzelwa inceba bona.”
- Ukuba ubonakalisa imfesane kwabanye, uThixo uya kuba nenceba ngakuwe, aze akubonise nemfesane nawe.

Kule veki cinga ngendlela onokumnceda ngayo ummelwane wakho kunye wenze umzamo wokusebenzisa imfesane yakho kumntu odibana naye.

Yenza umsebenzi 1, 2 no-3 nomntwana wakho.

Iimpendulo zoMsebenzi 2: Umbhalo webhodi

Waqaphela indoda eyenzakeleyo = ukubona, kunye nokuziva unosizi

Wagalela ioyile newayini enxebeni lakhe = ukuthabatha ixesha lokunceda

Waqinisekisa ukuba indoda eyenzakeleyo iyakhathalelwa = ukusebenzisa izinto onazo (imali) ukunceda

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Mbuzo mni owabuza umfundisi-Mthetho kuYesu xa wayezama ukubambisa uYesu?
   Impendulo: Yinyoni endimele ukuyenza ukuze ndifumane ubomi obungunaphakade?
2. Ingaba yamphendula ngokuchanekileyo uYesu?
   Impendulo: Ewe
3. UYesu wamcacisela njani umfundisi-Mthetho ukuba ngubani ummelwane wakhe?
   Impendulo: UYesu wamxelela umzekele womSamariya olungileyo
4. Masenze ntoni ukuze sifumane inceba kaThixo?
   Impendulo: Kufuneka sinenceba kwabanye
5. Ufumaneka phi umyalezo eBhayibhileni kumbuzo 4?
   Impendulo: KuMateyu 5: 7

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen

Umthandazo emva kwesifundo:

Bawo othandekayo oseZulwini

Enkosi ngokusigcina sikhuselekile

Ndincede ukuba ndibe nobubele kumntu wonke

Enkosi ngokuba nguMalusi oLungileyo osithandayo nosikhokelayo

Amen